# WITZENBERG NEWS

Municipality • Munisipaliteit • U Masipala Wase

*uMasipala onenkathalo owenza amathuba nohlumo kuluntu lwakhe!* *ekaTshazimpunzi-ekaCanziba 2024*




*uSodolophu*
*Cllr Trevor Abrahams*




**IINOMBOLO ZEZINGXAMISEKILEYO**

**UMASIPALA WASEWITZENBERG**
023 316 1854 (Iyure zee-Ofisi)

**IIYURE EZINGAMA-24**
IGUMBI LOQHAGAMISHELWANO
023 316 2328/9

AMAPALISA ASECERES: 023 316 8600/24
TULBAGH: 023 230 8100
AMAPOLISA ASEPA-HAMLET: 023 313 3133
WOLSELEY: 023 231 8000

**ISIBHEDLELE SASECERES:**
023 316 9600

**INQWELO YEZIGULANE:**
023 346 6000

**ISEBE LOCIMO-MLILO:**
023 316 1997/8
112 nokowuphina uNomyayi (cell)

xa ufuna ukuxela okanye unengxaki,isikhalazo kunye noluvo sindwendwele ku: admin@witzenberg.gov.za . Ngemiba engxamisekileyo sitsalele kulenombolo esebenza iiyure ezingama-24 kwiGumbi lika-Masipala logqagamishelwano.

WITZENBERG

# Ezisuka kuSodolophu

Bhotani bahlali baseWitzenberg



Ndivumeleni ndazise uSekela Sodolophu wethu ozakuxhuzula imikhala, uCeba uJonathan Nel kwintlanganiso ekhethekileyo yeBhunga eyayibanjwe ngomhla we-18 kwekaTshazimpunzi 2024.

Usuku lolonyulo luka zwelonke lithe labhengezwa kulonyaka ka2024 kwaye liyakuba ngomhla wama 29 kwekaCanzibe 2024 apho kuzakonyulwa abalawuli bakaZwelonke kunye namalungu endlu yowisomthetho kwiPhondo ngalinye. Olukhetho luyakubalele sixhenxe ukusukela xeshikweni safumana inkululeko ngonyaka 1994, koko sibhiyozela iminyaka engama 30 uMzantsi Afrika uphantsi kwentando yesininzi.

Sikwiphulo lokuvelisa indlela uMasipala emakahambise ngayo iinkonzo zakhe ukuze senze ngcono, kambe uluntu elizakusinqwanqwada, koko eliphulo likwajolise ekuphuculeni indlela iinkonzo esizisa ngayo eluntwini lwaseWitzenberg. Lenkqubo iyakuqukunjelwa kwaye ibekhona kuwo onke amacandelo kungentsuku zatywala.

Nanjengokuba ubusika sele bungenile nekhephu lizakusigubungela, uyacelwa ukuba ulumke kwaye uqaphele intlekele eziphathelene nemozulu (ukuphulukana nobomu) ngenxa yezantyalantyala kunye nokuwa kwemithi ngenxa yomoya obhudlayo. Sinegumbi loqhakamishelwano elisebenza iiYure ezingama 24 lona lenzelwe izikhalazo kunye nemiba engxamisekileyo-kule nombolo 023 316 2328/9. Uyacelwa ukuba ujonge iingcebiso kwiphapha lesibini.

Sikwinkqubo yohlahlolwabiwo mali lwe-IDP Inkqubo engezicwangciso zophuhliso loluntu ka2024/25 ethe yabanjwa kuzo zonke iiDolophu zalapha eWitzenberg.Kambe xa unengcebiso, ungakwazi ukuzidimbaza kwi-Ofisi ye-IDP kuzo zonke i-Ofisi zikaMasipala okanye ufake uluvo lwakho kule imeyile ilandelayo idp@witzenberg.gov.za. Uyacelwa ukuba izinonophele uhlale ufudumele kwelilixa lobusika!



**Iqela loMboxo i(Stormers) beliseCeres:** Iqela loMbhoxo iStormers ekuqaleni konyaka liye latyelela eCeres, phecelezi kwisikolo samabanga aphakamileyo iCharlie Hofmeyr liye lachitha imini yonke lizilolonga kumabala esisikolo. Baye bazinika ithuba lokuba baqhakamishelane nabalandeli beliqela bekwathatha nemifanekiso. Bentumekela abalandeli bekwabadimbazela nezakhono zoMboxo. Imifanekiso kunye namabadlali beliqela: Uceba uTrevor Abrahams(ngowesibini xa usuka ekhohlo), uSodolophu oxhuzula imikhala kuMasipala waseWitzenberg, kunye noMnu Attie Heyns, iGqwetha lalapha eWitzenberg alaliyingxenye labalawuli beqela loMbhoxo laseMzantsi Afrika. Photo: *Witzenberg Herald/Facebook*

# I (TID) IPROJEKITHI YOKUTSHINSTHWA KWEMITHA ZOMBANE

### Iyintoni le (TID)?

Xa uthenga umbane, kukho amanani angama 20 ozakuthi uwafumane njengeeyunithi zombane. Oluhlobo lombane lusebenzisa ezinombolo lwathi laqala ngo1993 liyakuthi liphelelwe ngoonyaka 2024 kweyeNkanga. Xa sele lenqkubo imiliselwe indlela endala okanye umbane ebesiwuthenga ngalandlela indala awusayi kusebenza kwezibhokisi zombane.

Inye into onokuyenza ukuze ungaziboni sele ungakwazi ukuthenga umbane kukuba uqinisekise ukuba ibhokukisi lakho lambane sele lilungisiwe ukuze lihambelane nalenkqubo intsha yombane kwaye ukwazi ukuthenga umbane nanjengokuba ezibhokisi zindala ziya-kuphelelwa ngonyaka ka2024 kweyeNkanga.

### Ndithini xa ndinombane endingekawufaki?

Naliphina iqhosha lemitha yombane elingafakwanga kwimitha yomabane kufuneka lifakiwe phambi kokuba kwenziwe utshintsho kwezimitha zindala okanye alizukukwamnkeleka.Zonke iiyunithi esele zifakiwe kwimitha yombane wakho zizakusebenza nokuba sele itshinsthiwe lemitha indala.Umasipala uneendlela ezimbini zokuqubisana nalomba wokuphuculwa kweemitha zombane we **12400** kuzo zonke iingingqi zaseWitzenberg:

* Ukuhlolwa kwemitha yombane ukuze kuqinisekiswe ukuba lemitha isebenza ngendlela eyiyo.

* Amanyathelo –ukuze kuqinisekiswe ukuba utshintsho lwalemitha luhambe ngokwendlela elindelekileyo oko kujongwa kumbane othi uwuthenge ngenyanga (umthengi uyakufuneka afake inombolo ezibalelwa kuma 40 azakuthi azifake kwimitha yakhe)

Amagosa wethu we-ontec azakuthi atyelele ikhaya lakho ukuze enze utshintsho lwalemitha yombane.Uyacelwa ukuba undwendwele umnathazwe wethu **www.witzenberg.gov.za** ukuze uqonondise malunga nalamaGosa azakutyelela ikhaya lakho.




## ISAZISO KWEZEMALI: II-AKHAWUNTI

Bonke abahlali kunye nezoShishino bayacelwa ukuba bafake iinkcukacha zabo ezintsha ezifana ne-dilesi ye-imeyile/umnxeba ngokwenombolo ze-akhawunti zabo kule-imeyile **account@witzenberg.gov.za** nanjengokuba ii-akhawunti zingafiki kwamsinya koko ungakwazi ukufumana i-akhawunti yakho emnxebeni /kwi-imeyile kwangethuba, qinisekisa ukuba ukwenzile oku.




## IGUMBI LANGASESE ELITSHA LIYE LAPHEH-LELELWA KUMABALA ASELYELL STREET

Amaqela kunye namaQumrhu ahlukeneyo athe azimasa iphulo lokuphehlelela ukuvulwa kwamagumbi angasese kwibala lemidlalo laseLyell Street eCeres. Le pro-jekithi yolwakhiwo iquka amaqloela amaninzi ebesebenzisa ngelokwakha amagumbi kunye nezindlu zangasese, iqhube iminyaka angaphezulu nje kancinci enyakani, kambe sele iqukunjelwe. Le projekithi ixhaswe ngemali ngabakwa (MIG) iQumrhu elixhsa ooMasipala malunga nezakhiwo zoPhuhliso.

## IZIKO ITHUSONG LIZISA IINKONZO ELUNTWINI

Isebe looRhulumente base-Makhaya: Inkqubo yeThusong ekuqaleni konyaka iye yatyelela ezingingqi zilandelayo iNduli, Ceres kunye nePine Valley eWolseley nanjengenqkubo yonyaka. Oku kulandela ikhwelo elithe lahlatywa xeshikweni eliphulo belityelele eTulbagh kunyaka ophelileyo kwaye oku kwenziwe ngokubambisana neeKomishoni yeeNkonzo zikawonkewonke(PSC). Amakhulu abantu athe afumana uncedo kwintsuku nje ezimbini bencedwa yintlaninge yamasebe kaRhulumente ebeyingxenye yeliphulo nezinye iinkonzo.






WITZENBERG TOURISM
ceres · tulbagh · wolseley
www.visitwitzenberg.co.za

ceres
pure adventure

**CERES TOURISM BUREAU**
Tel. 023 316 1287
Fax. 086 505 0455
E-mail: info@ceres.org.za
Website: www.ceres.org.za
GPS Coordinates:
33°21' 0.00"S 19°18' 0.00"E
*CERES via Michell's Pass, ± One and a half hours.*

Tulbagh

**TULBAGH TOURISM BUREAU**
Tel. 023 230 1375
Tel./Fax. 023 230 1348
E-mail: admin@tulbaghtourism.co.za
Website: www.tulbaghtourism.co.za
www.tulbaghwineroute.com
GPS Coordinates:
33°17' 18."S 19°08' 18.6"E
*TULBAGH via Nuwekloof Pass, ± One and a quarter hours.*

WOLSELEY
EXPLORE - TASTE - STAY

**WOLSELEY TOURISM BUREAU**
E-mail: info@wolseleytourism.co.za
Website: www.wolseleytourism.co.za
GPS Coordinates:
33°25' 0"S 19°12' 0"E
*WOLSELEY via Bainskloof Pass or Du Toitskloof Pass, ± One hour and twenty minutes.*

### Pilot Project kick off in Ceres in January 2024

To get you started, we will be issuing clear recycling bags to households, free of charge!
All you need to do is fill the bag with recyclable waste, and
**set the filled bag out for collection, on the same day as your black bag waste.**
(see schedule at the back)
In exchange, you will receive another clear bag, free of charge to fill again.
Our recycling collection service will be rolled out, in phases, into all towns.
**Check our website / Facebook page for more details.**

**I CAN RECYCLE**

- Paper, newspaper and cardboard
- Tins and cans
- Plastics
- Tetrapak
- Glass

**I CAN'T RECYCLE**

- Wet or dirty paper and cardboard
- Adhesive and laminated paper
- Dog/cat food bags
- Cling wrap
- Plastic food containers
- Disposable nappies
- Fluorescent lights
- Hazardous and medical waste
- Organic waste
- Oil
- Batteries




**PLEASE NOTE: All bottles to be emptied and bottle caps separated. Flatten cardboard boxes and place next to clear recycle bag. Scrape clean all yoghurt, tins, sauce containers before disposal.**